basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza uyilo (umzekelo: imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise:

KWICANDELO A:	imizuzu engama-80 ubuncinci
KWICANDELO B:	imizuzu engama-40 ubuncinci
KWICANDELO C:	imizuzu engama-30 ubuncinci

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Bhala isincoko esinala mazwi, 'Ndabaleka ... ndabaleka ... ndabaleka ...' **[50]**

1.2 Ukuba amanzi anokungabikho. **[50]**

1.3 Kowu-u! Iyabukeka ke indalo ... **[50]**

1.4 Oyena mntu ululutho ebomini bam. **[50]**

1.5 Ingaba amathala eencwadi asenalo na ixabiso kule mihla ye-Intanethi ne-*e-book*? **[50]**

1.6 Abantu abatsha bakufanele ukubekwa kwizikhundla eziphezulu ebuRhulumenteni. **[50]**

1.7 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



[Ithathwe kwi*Move*, 25 Janyuwari 2011] **[50]**

1.8 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.

[Ithathwe kwi-intanethi http://www.ucsdakdphi.org/tag/passion/] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 INGXOXO

Ulutsha lwaseMzantsi Afrika aluboni ngasonye malunga nokuxhatshazwa kwalo kwiiwebhusayithi zobuhlobo. Bhala ingxoxo ephakathi kwabafundi ababini bexoxa ngala majelo obuhlobo. **[30]**

2.2 ILETA EYA KUMHLELI

Inkonzo yamapolisa kwingingqi ohlala kuyo iyancomeka ngenxa yeendlela ezintsha ezisetyenziswayo ukulwa ulwaphulo-mthetho. Bhalela uMhleli wephephandaba olithandayo uncome eli nyathelo. **[30]**

2.3 IRIVYU

Ungene kumzi wokutyela ngeenjongo zokufuna into esiwa phantsi kwempumlo. Bhala irivyu, uncome ugxeka lo mzi phantsi kwezi ngongoma: ucoceko, iintlobo zokutya, iinkonzo zabasebenzi, amaxabiso nokhuseleko. **[30]**

2.4 IMEMORANDAM

Kwisikolo ofunda kuso iinkonzo zeebhasi ezithutha abafundi azihambi kakuhle. Bhalela inqununu yesikolo imemorandam ubeke iingxaki ezibangelwa yile meko. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80.

3.1 ISIBHENGEZO

Usebenza kumzi othengisa izindlu wakwa-iNtsika Properties njengomthengisi ovunyiweyo. Bhala isibhengezo-ntengiso esitsala umdla kubathengi.

iNtsika Properties

[Ithathwe kwi-Intanethi] **[20]**

3.2 IPOSIKHADI

Utyelele efama okokuqala ebomini bakho. Bhalela umhlobo wakho iposikhadi umxelele izinto ezinika umdla ozibonileyo. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Umhlobo wakho usuka eKomani SS School ufuna ukuya kwithala leencwadi (*library)*. Mnike izalathisi zeyona ndlela ithe ngqo usebenzisa le mephu.



[Ithathwe kuD MacEwen yaza yahlelwa] **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100